Isifundo 1

**Septemba 29-Oktobha 5*

Indalo NokuWa

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Isifundo sale Veki:
Gen. 1:26, 27; 1 Yohane 4:7, 8, 16; Gen. 3:16–19; Gen. 11:1–9; Gal. 3:29; Dut. 7:6–11.

Indima Yenkumbulo:
"Wamsa [uThixo] phandle, wathi, Khawubheke phezulu ezulwini, uzibale iinkwenkwezi, ukuba unokuzibala; wathi kuye, Iya kuba njalo ke imbewu yakho. Wakholwa kuYehova; oko wakubalela ebulungiseni kuye" (Genesis 15:5, 6).

Ibali labantu bakaThixo liqala ekudalweni kwabantu nentlekele yokuwa kwabo esonweni. Yonke imizamo yokuqonda indalo yobunye ebandleni kufuneka iqale kwicebo likaThixo lokuqala eNdalweni emva koko lize kwisidingo sokubuyiselwa emva kokuWa.

Izahluko zokuqala zeBhayibhile ziveza ukuba uThixo wayelungiselele ukuba uluntu luhlale lulusapho olunye. Ngelishwa, obu bunye basuswa emva kwentlekele yesono. Kusesonweni kuphela apho iingcambu zokungabikho kobunye, kwabakho neyantlukwano, iziphumo ezongezekileyo ezibi zokungathobeli. Siyakrotyiswa koku kwahlukana kwintetho eyakhawuleza yakho phakathi kuka-Adam noEva ngexesha uThixo wayefika kubo okokuqala emva kokuba betyile kumthi owalelweyo (bona Gen. 3:11). Kungoko, phakathi kwako konke okunye okuza kwenziwa licebo losindiso, ukubuyiselwa kobu bunye basekuqaleni, nako kungumgomo obalulekileyo. UAbraham, uyise wabantu bakaThixo, wabangumdlali oyintloko kwicebo losindiso likaThixo. UAbraham uzotywa esiBhalweni njengomzekelo omkhulu "[wo]bulungisa ngokholo]" (bona: Roma 4:1–5), uhlobo lokholo olumana abantu bakaThixo omnye nomnye kunye neNkosi ngokwaYo. UThixo usebenza ngabantu ukubuyisela ubunye nokwenza ukuba intando yaKhe yaziwe luluntu olulahlekileyo.

Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha kaOktobha 6.

Uthando: Isiseko Sobunye

Isigidimi esicacileyo esiphuma kwibali leNdalo kuGenesis 1 ne-2 yimvisiswano eyayikho ekupheleni kweveki yokuDala. Amazwi okugqibela kaThixo okuba konke "kulungile kunene" (Gen. 1:31) awabhekisi kuphela kubuhle nje obubukekayo, kodwa nokungabikho kwento embi okanye ukungavumelani akuba uThixo egqibile ukwenza eli lizwe kunye nabantu amabalihlale, balizalise. Injongo yokuqala kaThixo eNdalweni yayiquka ukuhlalisana ngemvisiswano nokwabelana ngolwalamano lokuxhomekeka [olunye kolunye] lwazo zonke iindidi zobomi. Yayingumhlaba omhle owadalelwa usapho loluntu. Wonke wawugqibelele ufanele uMdali wawo. Umgangatho nenjongo kaThixo ngomhlaba yayiyimvisiswano, ubunye, kunye nothando.

Funda: Genesis 1:26, 27. Zifundisa ntoni ezi ndima ngokungaqheleki okukodwa kobuntu xa kuthelekiswa nenye indalo njengoko kubonisiwe kuGenesis 1 nesi-2?

UGenesis uthi uThixo wamdala umntu ngokomfanekiselo waKhe, nto leyo engathethwanga nangayiphi enye into kwingxelo yendalo yeGenesis. "Wathi uThixo, Masenze umntu ngokomfanekiselo wethu ngokufana nathi. . . . Wamdala ke uThixo umntu ngokomfanekiselo kaThixo; wadala indoda nenkazana" (Gen. 1:26, 27). Nangona abafunda ngoThixo bexoxe kwadlula iinkulungwane ngokuba uyintoni umfanekiselo kaThixo, injani yona indalo yaKhe ngokwaKhe, iindawo ezininzi esiBhalweni zinika indalo kaThixo ngokuthi luthando.

Funda: 1 Yohane 4:7, 8, 16. Zingasinceda njani ezi ndima ukuba siqonde indlela esasidalwe ngayo ekuqaleni, nokuba yaba negalelo elinjani kubunye bokuqala obafunyanwa eNdalweni?

UThixo uluthando, kwaye, kuba nabantu benako ukuthanda (nangeendlela ezinye izidalwa zomhlaba ezingenako ukuthanda ngayo), ukudalwa ngokomfanekiselo waKhe kumele ukuquka ukukwazi ukuthanda. Kanti ke, unokuphila kuphela ngokwalamana nabanye. Ngenxa yoko, yonke into eyenziwe ngokomfanekiselo kaThixo, imele ikwazi ukuthanda, ithande nzulu.

Iziphumo ZokuWa

Iziphumo zokuWa zaba zikhulu kakhulu. Ukungathobeli kuka-Adam noEva kwaqala ukuqhawuka kobuhle bokuxhomekeka phakathi kwayo yonke indalo (enye kwenye) yeendidi zobomi. Okubi kakhulu, kwaqala ukungavani, ukuxabana, iyantlukwano phakathi kwabantu abaphila ngoku. Ukungavani kubonakele kwangoko kwindlela uAdam noEva abazame ukutyhola abanye ngokuWa (Gen. 3:12, 13). Ukususela ngoko, izinto ziye zibambi kakhulu.

Funda: Genesis 3:16–19 noGenesis 4:1–15. Yintoni kwezi ndima etyhila iziphumo zesono negalelo laso kwilizwe elivanayo eladalwa nguThixo?

Ukungathobeli kuka-Adam kwaba lithende leziganeko neziphumo ezininzi ezathi ekuhambeni kwexesha zaphumela kuyo yonke indalo kaThixo. Ilizwe ngokwalo laqala ukonakala iziziphumo zesono. Ulwalamano phakathi kwabantu nalo lwachukumiseka. UKayin noAbheli, abazalwana ababini ababemelwe kukukhathalelana bathandane, abazange bavane ngenxa yokukekelela ekuzithandeni endaweni yokulandela indlela yokunqula emiselwe nguThixo. Oku kungavani kwakhokelela kubundlongondlongo nasekufeni. Indlela awenza ngayo uKayin yayibhekisa kakhulu kuThixo kunakuAbheli. Waba nomsindo ngakuThixo (Gen. 4:5), waza lo msindo wakhokelela ekuthiyeni uAbheli. Ukungathobeli kwalukrazula ngakumbi ulwalamano loluntu. "Wabona uThixo ukuba ububi babantu bandile ehlabathini, konke ukuyila kweengcinga zentliziyo yabo kubububi bodwa imihla yonke" (Gen. 6:5). Obu bubi, ekugqibeleni bakhokelela kuNogumbe nakwintshabalalo embi kakhulu yendalo kaThixo yokuqala, awayenzayo uNogumbe. Kanti ke nangoko, uThixo akazange aluncame uhlanga loluntu kodwa washiya intsalela, uNowa nosapho lwakhe, ukuze aqale kwakhona. Emva kukaNogumbe, uThixo wenza isithembiso kuNowa nosapho lwakhe. Umnyama esibhakabhakeni wawuza kubakhumbuza ngamaxesha onke ngenkathalo nezithembiso zaKhe, kwakunye nobubele nenceba yaKhe (Gen. 9:12–17, Isa. 54:7–10). UThixo wenza umnqophiso noNowa, waza waphinda wamisela icebo laKhe lokuqala lokuba abe nosapho loluntu olumanyeneyo nolunyanisekileyo kuYe nakwiLizwi laKhe.

Zeziphi iindlela isono esichitha ngazo ukungavani? Unokukhetha ntoni ngoku ukuze ubuyisele intsebenziswano kwabo ukukhetha kwakho kunokuba negalelo kubo ngendlela evakalayo?

LWESIBINI *Oktobha 2*

Ukungavisisani Nokwahlukana Ngakumbi

Funda: Genesis 11:1–9. Yintoni eyenzekayo apha eyakwenza kwakubi kakhulu ukwahlukana nokungavisisani?

Iziganeko ezilandelayo ezibhalwe eBhayibhileni emva koNogumbe kukwakhiwa kweNqaba yeBhabheli, ukubhidana kweelwimi, nokusasazeka kwabantu, ababekade bethetha ulwimi olunye. Mhlawumbi ngokutsalwa bubuhle bomhlaba ophakathi kwemilambo iTigris ne-Efrata, kunye nokutyeba komhlaba, abanye benzala kaNowa bagqiba ukuba bazakhele isixeko kunye nenqaba ende ebheke phezulu kummandla waseShinare, namhlanje oyi-Iraq (Gen. 11:2). Ukuphandwa kwembali ngokomba kubonise ukuba iMesopotami yayinenyambalala yabantu kwakumaxesha embali asekuqaleni. Phakathi kwaba bantu kwakukho amaSumeri, awayesaziwa ngokudala ubuchule bokubhala kumacwecwe odongwe. Akha izindlu ezenziwe kakuhle, ekwa nobuchule bokwenza amajikazi, izixhobo, nezinto zasezindlwini. Ukomba kukwaveze neetempile eziziindawo ezifana nenqaba zokunqula oothixo abaliqela abahlukeneyo. Inzala kaNowa eyahlala kummandla waseShinare yatshetsha yamlibala uThixo kaNowa kunye namadinga awawenzayo okuba akasayi kuze aphinde awutshabalalise umhlaba ngonogumbe. Ukwakha iNqaba yeBhabheli kwakusisikhumbuzo sobulumko nobuchule babo obuphezulu. Umnqweno wokubaluleka nokwaziwa, "[ka]sizenzele igama" (Gen. 11:4), yayiyenye yeenjongo zale projekthi yokwakha. "Ngokwenjongo yezulu, abantu babeza kubugcina ubunye ngeqhina lenkolo yenene. Kwathi ukunqulwa kwezithixo nentlaninge yoothixo yakuliqhawula eli qhina lasemoyeni, abanela kukulahlekwa bubunye benkolo kuphela, koko balahlekwa nabubuzalwana basemoyeni. Iprojekthi enjengenqaba, yokugcina ngokubonakala ngaphandle ubunye bangaphakathi obalahlekayo, yayingasokuze iphumelele." —*The SDA Bible Commentary,* vol. 1, amaph. 284, 285.

Ukuwa kuka-Adam noEva kwabuchitha ubunye bohlanga loluntu kwanecebo likaThixo lasekuqaleni. Kwazala isiphithiphithi ngokubhekiselele ekunquleni; ukuthi saa kokungena kobubi nokungakwazi ukuziphatha phezu komhlaba; kwathi ekugqibeleni kwakho ukwahlukana koluntu lwaba ziinkcubeko, iilwimi, neentlanga ezahlukeneyo ezisoloko zingqubana olunye nolunye kususela oko.

Athini amanyathelo esinokuwathabatha ukunceda ukunyanga iiyantlukwano phakathi kwezizwe, inkcubeko, nolwimi, izinto ezisilimazayo nasebandleni?

UAbraham, Uyise Wabantu BakaThixo

Iinkolo zehlabathi ezintathu, ubuYuda, ubuKristu, nobuIslam, zikhangele kuAbraham njengoyise wazo. KumaKristu, olu nxulumano lulwalamano lwasemoyeni. Xa wayebizwa ukuba alishiye izwe lakhe iMesopotami, kwathiwa kuye uAbraham, "[zothi] zisikeleleke ngawe zonke izizwe zehlabathi" (Gen. 12:3; bona: nakuGen. 18:18, 22:18). Intsikelelo yeza ngoYesu.

Funda: Hebhere 11:8–19, Roma 4:1–3, noGalati 3:29. Zeziphi iziqalelo zokholo lukaAbraham ezikhankanywa zezi ndima? Zihambelana njani nembono yobunye bobuKristu? Oko kukuthi, yintoni enokufunyanwa kwezi ndima enokusinceda namhlanje ukuba siqonde ukuba inokuba yintoni ebalulekileyo emele ukuhlanganiswa ekwakheni ubunye bobuKristu?

Njengoyise wawo wonke amakholwa, uAbraham usinika iziqalelo zokuqala ezisembindini wobunye bobuKristu. Kuqala, wathobela. "Ngokholo uAbraham wathi, akubizwa, wakululamela ukuba aphume, aye kuloo ndawo abeza kuyamkela ukuba ibe lilifa; waphuma ke, engazi kakuhle nalapho aya khona" (Heb. 11:8). Okwesibini, wayethembe amadinga kaThixo. "Ngokholo waba ngumphambukeli emhlabeni wedinga, wanga ukowasemzini, ehleli eminqubeni ndawonye noIsake noYakobi, beziindlalifa zalo elo dinga ndawonye naye; kuba wayewulindele umzi lo uneziseko, ungcibi, umbangi wawo, inguThixo" (Heb. 11:9, 10). Okwesithathu, wakholwa ukuba uThixo wayeza kumnika unyana, nokuba ngenye imini, inzala yakhe yayiya kuba ngangeenkwenkwezi. Ngenxa yoku kusabela, uThixo wamgwebela ngokholo (Rom. 4:1–3). Okwesine, wathembela kwicebo losindiso likaThixo. Olona luvavanyo lukhulu lokholo luka-Abraham kwakuxa uThixo wamcelayo ukuba abingelele ngoIsake kwiNtaba yeMoriya (Gen. 22:1–19, Heb. 11:17–19). ITestamente eNdala imchaza uAbraham njengomhlobo kaThixo (2 IZikro. 20:7, Isa. 41:8). Ubomi bakhe bokholo, ukuthobela okungahexiyo, nokuthemba kwakhe amadinga kaThixo, kumenze umzekelo wento obumele ukuba bube yiyo ubomi bethu bobuKristu.

Cinga ngezenzo namazwi akho kwiintsuku ezimbalwa ezizayo. Ungazama ngeziphi iindlela ukuqinisekisa ukuba, nokuba yintoni oyithethayo okanye oyenzayo ibonisa ubunyaniso bokholo lwakho?

Abantu BakaThixo Abanyuliweyo

Ekubizeni uAbraham, uThixo wazikhethela abantu ababeza kuba ngabameli baKhe emhlabeni. Olu bizo nonyulo kwakusisenzo sikaThixo sothando nobabalo. Ubizo lukaThixo kuSirayeli lwaluphakathi kwicebo laKhe lokubuyiselwa kwalo lonke uluntu emva kokonakaliswa nokubantlakantlaka okwabangelwa kukuWa. Imbali engcwele isisifundo somsebenzi kaThixo ngakoku kubuyiselwa, kwaye inxalenye enkulu yelo cebo yayisisizwe somnqophiso sakwaSirayeli.

NgokukaDuteronomi 7:6–11, kwakutheni ukuze uThixo ambize uSirayeli ngokuba ngabantu baKhe? Kwakutheni ukuze anyule inzala ka-Abraham ukuba ibe ngabantu baKhe?

Uthando lukaThixo ngakuluntu lusembindini wokunyulwa kukaSirayeli abe ngabantu bakhe. UThixo wenza umnqophiso noAbraham kunye nenzala yakhe ukuze agcine ukwaziwa kukaThixo ngabantu baKhe nokuzisa ukuhlangulwa eluntwini (Nd. 67:2). Kanti ke, sisenzo esikhulu sothando esenza ukuba uThixo anyule uSirayeli. Inzala ka-Abraham yayingenanto ingaqhayisa ngayo ukubanga uthando lukaThixo olungazuzwa njengomvuzo. "Akungabuninzi benu kunezinye izizwe zonke, lento athene nca nani uYehova, waninyula; kuba nimbalwa kunezinye izizwe" (Dut. 7:7). Kukujikwa kokuxabisa okungaqhelekanga okusetyenziswa nguThixo ukunyula abantu baKhe. Lo gama abantu bekhangela emandleni, ebulumkweni, nasekuzithembeni xa benyula iinkokeli, uThixo akanyuli ngakomelela, ngabukroti ukuba akhonzwe, koko unyula abo babuvayo okanye ababuvumayo ubuthakathaka, ubudenge, nokungabi nto kwabo, ukuze kungabikho uqhayisayo phambi kwaKhe (1 Kor. 1:26–31). Kanti ke, khangela ilungelo elalilelabo: "UThixo wayelangazelela ukubenza abantu baKhe, uSirayeli, ukuba babe yindumasi neqhayiya. Bakunikwa konke okuhle kwasemoyeni. UThixo akazange abavimbe nanye into eyayifanele ukwakha isimilo eyayinokubenza ukuba babe ngabameli baKhe."Ukuthobela kwabo umthetho kaThixo kwakuza kubenza isimangaliso phambi kwezizwe zomhlaba. Lowo wayenokubanika ubulumko nobuchule kuyo yonke imisebenzi yobuchule, wayeza kuhlala engumfundisi wabo, aze abazukise abaphakamise ngokuthobela imithetho yaKhe. Xa bethobela, babeza kugcinwa kuzo zonke izifo ezazihlasela ezinye izizwe, baze basikelelwe ngamandla engqondo. Uzuko lukaThixo, ubungangamsha baKhe namandla, babuza kutyhilwa kuyo yonke impumelelo yabo. Babeza kuba sisikumkani sababingeleli nabathetheli. UThixo wabanika sonke isakhono sokuba lolona luhlanga lukhulu emhlabeni."—Ellen G. White, *Christ's Object Lessons*, p. 288.

Zinto zini ezihambelanayo esizifumana phakathi koko uThixo wakwenzela uSirayeli wakudala, nobizo awalwenzayo kubo, kunye noko asenzele kona thina, nobizo alwenzileyo kuthi njengamaSeventh-day Adventist? Yiza neempendulo zakho eklasini ngeSabatha.

Ingcamango Eyongeziweyo:

Ellen G. White, "The Creation," amaph. 44–51, and "The Call of Abraham," amaph. 125–131, in *Patriarchs and Prophets*. Injongo kaThixo yasekuqaleni ngokudala uluntu isabonakala kwizimiso zosapho (Gen. 2:21–24) neSabatha. ISabatha yayilungiselwe lonke uluntu, njengoko uYesu waxela ngokucacileyo kuMarko 2:27, 28. Ngenene, imvelo yokuthi tshitshilili kwayo kwindalo yonke, iyabonakala kwingxelo kaGenesis, xa uThixo wawubeka ecaleni umhla wesixhenxe, kungekuphela phambi kokubizwa kukaSirayeli njengabantu bomnqophiso, kodwa kwangaphambi kokuba kungene isono. Athi, amandla amakhulu ahlanganisayo eyayiya kuba ngawo iSabatha ukuba bonke abantu babeyigcinile! Yayiyimini yokuphumla uThixo awayelungisele ukukhumbuza inzala ka-Adam noEva ngeqhina elinye elihlanganisa uThixo nabo kwakunye nomntu nomntu. "ISabatha nosapho ngokufanayo zizinto ezamiselwa e-Eden, kwaye ngokwenjongo kaThixo, ziqamangelene ngendlela engenako ukwahlulwa. Ngale mini, ngaphezu kayo nayiphi enye, sinako ukuphila ubomi base-Eden. Yayilicebo likaThixo lamalungu osapho ukuba ahlangane emsebenzini nasekufundeni, ekunquleni nasekuzilolongeni, utata engumbingeleli wendlu yakhe, baze bebobabini umama notata babe ngootitshala namaqabane abantwana babo."—Ellen G. White*, Child Guidance,* p. 535.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Ingxelo yeGenesis engokudalwa komfazi kwicala lika-Adam ikutyhila njani ukwalamana okusondeleyo phakathi kwendoda nomfazi? Isixelala ntoni loo nto ngonobangela wokuba, kuyo yonke iBhayibhile, uThixo asebenzise umfanekiso wendoda nomfazi njengomzekelo wohlobo lokusondelelana akufunayo nabantu baKhe?

2. Nangona ibali lenqaba yeBhabheli lisixelela ukuba ukwahlukana ngobuhlanga nolwimi kwabantu kwakungeyiyo inxalenye yecebo lokuqala likaThixo ngoluntu, singadlula njani ngaphaya kokwahlukana kwemvelo okunjalo namhlanje? Lingenza njani ibandla ukuba libe nabo ubunye nokuvisisana naxa lakhiwe ngabantu nezizwe neelwimi ezininzi?

3. Zinto zini ezihambelanayo ozifumanayo phakathi kokubizwa kukaSirayeli wakudala kunye nokwethu ukubizwa singamaSeventh-day Adventists? Okubaluleke kakhulu, sifundo sini esinokusifunda kuwo esinokusinceda ukuba sinyaniseke kubizo lwethu olungcwele kuKristu?

Isishwankathelo: Icebo likaThixo lasekuqaleni eNdalweni, lalijonge ukuba uluntu luhlale ngemvisiswano lumanyene njengosapho. Ukungathobeli kwabazali bethu bokuqala kwaba sisiphazamiso secebo likaThixo. Kanti ke uThixo wambiza uAbraham ukuze amisele abantu aya kuthi ngabo aligcine liphilile idinga lokubuyiselwa, okufumaneka kuphela kuKristu.